



**T**ilnkqubo nkxaso yezifakwa zamafama (FISP) ezekelelwe kulendlea yeGreen Revolution ihlulekile ukuqinisekisa ukhuseleko kokutya, ukuphucula impilo yasezilalini nokuthoba inani lendlala. Endaweni yoko izale intembeko exhalabisayo yamafama kwizifakwa ezibonelelwayo ( iimbewu ezinyiweyo, izichumisi nezitshabalalisi khula) zawadudulela emgibeni wetyala elingapheliyo.

Ivoucher, izichumisi nezinye izifakwa ziyaduka ngamaxesha amaninzi phambi kokuba zifike kumafama. Loo mafama athi azifumane, ngamaxesha amaninzi azithengisela amafama anobutyebi.

Ezinye iindlela zeFISP zithintela abantu ababuthathaka – ingakumbi amafama abafazi- abavalelwe ngaphandle ngamagosa ezithili zikarhulumente kwakunye neenkosi kumaphandle okanye ezilalini. Eli qela labantu alukwazi ukubhatala iindleko zobulungu kulemibutho yabalimi ukulungela ukufumana inkxaso.

IiFISPs azizincedi izizwe ukwakha ulimo olukwazi ukuzilwela luqinisekise nemveliso yokutya ezimeleyo eqhubekekayo. Endaweni yoko, zongeza ukungakhuseleki kokutya nentlupheko kwaye zihlisa umgangatho womhlaba eAfrika namanzi akhona.

# Kutheni iiFISP zihluleka ukufezekisa iinjongo zazo?

